Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2020

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2 (EXEMPLAR)

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **iiyure 2½**

*IXHOHL2*

Olu viwo lunamaphepha angama-21.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

   ICANDELO A: ISIHOBE (30)

   ICANDELO B: INOVELI (25)

   ICANDELO C: IDRAMA (25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke, Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EFUNDISIWEYO EKLASINI – Phendula imibuzo emiBINI

   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Umbuzo ONYANZELEKILEYO

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-140–190.
- Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama 290–340.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

## ICANDELO A: ISIHOBE

**Imibongo efundisiweyo**: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 1. | Umona | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| | | | | |
| 2. | UNkosi uJongumsobomvu Maqoma | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| | | | | |
| 3. | Intyatyambo | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| | | | | |
| 4. | Iqul' elingatshiyo | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.** | | | | |
| 5. | IYunivesithi yaseFort Hare | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

**Phendula umbuzo omNYE**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 6. | Ngenxa yesithembiso | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 12 |
| | | | | |
| 7. | Ngenxa yesithembiso | Umbuzo omfutshane | 25 | 13 |
| | | | | |
| 8. | Umthombo wobom | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| | | | | |
| 9. | Umthombo wobom | Umbuzo omfutshane | 25 | 15 |
| | | | | |

## ICANDELO C: IDRAMA

**Phendula umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 10. | Nathi singabantu | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| | **OKANYE** | | | |
| 11. | Nathi singabantu | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |
| | | | | |

**QAPHELA:** **KUMACANDELO B no C,** qiniseka ukuba uphendule umbuzo **OSISINCOKO OMNYE** nombuzo **omNYE OMFUTSHANE**. Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|---|
| A | ISihobe(ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B | Inoveli noNcwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 6–9 | 1 | |
| C | Idrama ( Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 10–11 | 1 | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

## ISINGQI SENKULUNGWANE – P.M QANGULE noM.G MDLIVA

### IMIYALELO

- Kweli CANDELO kubuzwe imibongo emiNE efundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo OKANYE kwizibongo ezifundisiweyo; kunye nombuzo omNYE kumbongo ongafundiswanga OKANYE isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo 5 ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-140–190 amagama.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.

### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo osekwe kuso.

Cazulula isigama esityhila ukuba imbongi iyawucaphukela umona. **[10]**

**UMONA – M.G MDLIVA**

Yingcing'engondlekanga,
Yingcing'enqinileyo.
Yingcing'enyolukileyo,
Yingcing'engundileyo.
Umtshabalalis'ongenanceba,
Umxabanisi onoburhalarhume.

Ngumzingeli wothando noxolo,
Ngumzond' onzondo inzongonzongo.
Lidlakadlaka lomoya ovuthayo,
Lixelegu elixulub' imiphefumlo.
Lixixilili lexumbululu likaxam,
Yihagu esisu sixumbululu.

Njengenkanyamba ngumonakalisi,
Njengegwala ngumxabanisi.
Nqwa nemhemfu yehagu ukuchithachitha,
Nqwa nenyikim' ukwenyelisa.

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UNKOSI UJONGUMSOBOMVU MAQOMA – P.M QANGULE**

Irhamba lamaRharhabe kwaRharhab' emaRharhabeni,
Lazijul' ijacu ngesilili sokhokho lisekhondweni.
Yakikizel' iMingcangathelo latyityimb' iTyhume,
Ukubon' uJongumsobomvu evath' iqaqa entlantlath' intlungu.
Ngokunqolotywa kwesilili ngamangabangab' aselwandle,
Ngokuvuthululwa kwentsika zobuzwe ngamatshijolo.

Ngokubhentsiswa kuntswayiziswe kusale kuluntswayizo,
Kusale kungamabhodlo kugqub' izithunzela kowethu.
Libonen' iTshawe litshongola litshawuza,
Litshawuzela likrwec' izulu limqinisa ngentelezi yezulu.
Siboneni *isilo sikaRharhabe* silephuz' amadangatye,
Sinqolotywa siqweqwediswa ukucand' iNxuba.

Sikhonkxw' izandla nenyawo yimirhangqolo,
Amarhonorhono arhonorhon' ingqondo.
**Wasitsho esikaRakheli isikhalo** uSuthu engathuthuzeleki,
Elokuncama benzen' abantwana u-Anta noXhoxho?
Amaduna endlu kaNgqika omzi kaRharhabe,
Yab' inqwelo yamaphimp' iphephethek' ukusinga kwinkontyo yengxinano.

2.1 Xela uhlobo lophindaphindo oluphawulwe ngomgca ngaphantsi kumqolo woku-1. (1)

2.2 Caphula imiqolo/amabinzana amaBINI kwizitanza ezibini zokuqala athetha ukuba uNkosi uMaqoma wayesilwa engathulanga. (2)

2.3 Khankanya zibeziBINI izenzo zamadlagusha ezicaphukisayo ngokwesi sicatshulwa sombongo. (2)

2.4 Xela isafobe esikwibinzana 'isilo sikaRharhabe' elikumqolo we-11. (1)

2.5 Mfanekiso ngqondweni mni obhalwe ngqindilili kumqolo we-15? (1)

2.6 Khetha kwizibiyeli indawo elibhekisa kuyo ibinzana, 'kwinkontyo yengxinano' elikumqolo we-18. (eQonce/ eRobben island/ kwaNgqika) (1)

2.7 Chaza injongo yokubhalwa kwalo mbongo. (2)

**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**INTYATYAMBO – M.G. MDLIVA**

Izimisile phakathi kweengxondorha,
Itsitsitheka kunzim' ubomi.
Inxanel' ufazana kwanombethe wobomi,
Ishixiza phakathi kwezo ngxondorha.
Iimbodlela zizondelel' ukuyikhweba,
Iziyobisi ziyatshila njengepikoko.
Kunqaba ootata kuxhaphak' iipikoko,
Kufuduk' ubuntu **izirhovu ziyakhweba.**
Njengelang' ithemba lithe thaa,
Lizifumbeth' izikhokelo zobomi.
Liyikhwebela kwingqungquthela yobomi,
Ibonwabel' obo buvunduvundu bomhlaba.
Ikhuliswa zezo zinongo zomhlaba.
Lithemba lay' oko kufudumala komhlaba.

3.1 Xela uhlobo lophindaphindo oluphawulwe ngomgca ngaphantsi ukusuka kwimiqolo-1 ukuya kowe-4. (1)

3.2 Caphula amabinzana/amagama amaBINI kwikwatreni yokuqala athetha ukuba intyatyambo iphantsi koxinzelelo. (2)

3.3 Khankanya zibeMBINI iingxaki ejongene nazo intyatyambo ngokwalo mbongo. (2)

3.4 Xela isafobe esikwibinzana '... njengepikoko' esikumqolo we-6. (1)

3.5 Mfanekiso ngqondweni mni obhalwe ngqindilili kumqolo we-8? (1)

3.6 Khetha umntu elibhekisa kuye igama, 'intyatyambo' elisisihloko salo mbongo. (kumntu oselayo/kwintombazana/ kwinkwenkwe) (1)

3.7 Chaza injongo yokubhalwa kwalo mbongo. (2)

**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**IQUL'ELINGATSHIYO – M.G. MDLIVA**

Ingqumbo yingqumb'esind'umhlaba,
Ziyanyalasa ezenyam'iimfazwe.
Zizaqhwithi zezomoy'iimfazwe,
Uyanzonz'umhlaba ngamangcwaba.
Izifo zifumbil'imiphefumlo iyajijitheka,
Idlakadlaka lendlala liyagqugqisa.
Ithemba **lixhom'izandla** liyatarhuzisa.
Vul' amehlo ubon' iqul' elingatshiyo,
Amanz'asindis'umxhelo.
Amanz'abhacisa unxano naphakade,
Osela kulo akanxanwa naphakade.
Ngokholo ungenile kulo yothulw' imithwalo,
Budlul'ubom'obudal'uphil'obutsha.

4.1 Xela uhlobo lophindaphindo oluphawulwe ngomgca ngaphantsi ukusuka kwimiqolo-1 ukuya kowe-4. (1)

4.2 Caphula amabinzana amaBINI kwikwatreni yokuqala neyesibini athetha ukuba iingxaki zimphethe kakubi umntu. (2)

4.3 Khankanya zibeMBINI iingxaki ajongene nazo umntu ngokwalo mbongo. (2)

4.4 Xela isafobe esikumqolo wesi-4 '...uyanzonz'umhlaba ngamangcwaba". (1)

4.5 Mfanekiso ngqondweni mni obhalwe ngqindilili kumqolo we-7? (1)

4.6 Khetha kwizibiyeli okubhekisa kwelo binzana, 'iqula elingatshiyo' elisisihloko salo mbongo. (kwinkolo / kumaxhwele/ kumthandazo) (1)

4.7 Chaza injongo yokubhalwa kwalo mbongo. (2)

**[10]**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**IYUNIVESITHI YASEFORT HARE – M. P. BEWUZANA**

Aa Nokholeji!
Aa **Sisele senyathi**!
Ndiba ngabheka-bheka, hayi andiyiboni!
Ndikhanyiseleni kaloku nam ndiyibone le nyathi.
Wathi omnye kum, “Ibuzwa kwabaphambili”,
Ndaya phambili ndankcunkca amabanga,
Ndada ndawagqiba alishumi elinambini ndingayiboni.
Wathi omnye kum ingaphaya kweentaba zikaSomgxada,
Ngelingeni ndee gxada, ndagaleleka!

Folokohlo kumzi wase Fort Hare.
Ndingekawathi balulu amehlo ndelama,
Ndabon’ imizila ecacileyo,
Imizila yoobawomkhulu,
Ndithetha ngeenkokeli zoMzantsi Afrika,
Nazo ke zikhonjiswa apho, oo-Oliver Tambo,
Nelson Mandela, Govan MBEKI,
Robert Sobukwe noMangosuthu Buthelezi.

Zidlule apha kaloku nazo iinkokeli ze-Afrika,
OoRobert Mugabe, nooHerbert Chitepo baseZimbabwe,
OoElas Mathu, nooCharles Njonjo baseKenya.
Ndixolele kaloku, **kungasa kuhlwe ndibala,**
Ndinebhongo, ndinelunda, ndiyatefa,
Kaloku ndithetha ngelitha le-Afrika,
Eleza neempendulo ezakhulula ilizwe le-Afrika,
Phila ngonaphakade Nokholeji

5.1 Xela uNokholeji ekuthethwa ngaye kwesi sibongo. (1)

5.2 Chaza ukuba kutheni ibizwa ngokuba ‘sisisele senyathi’ le yunivesithi. (1)

5.3 Xela abemaBINI amagama eenkokeli zoMzantsi -Afrika ezafunda kule yunivesithi ngokwesitanza sesibini. (2)

5.4 Tyhila intsingiselo yokubhalwe ngqindili kumqolo we-21. (2)

5.5 Cacisa okuqulethwe yimiqolo 23–24. (2)

5.6 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sombongo sithathwe kwisibongo. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI /UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/kuncwadi lwemveli olufundisiweyo.
- Kwincwadi ngaNYE kwicandelo B kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE,ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA**: Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI (kwinoveli/ kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama). Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### NGENXA YESITHEMBISO – Mcebisi Nkohla

Ngqina ubunyani boluvo oluthi “Ingcibi yamanzi ifa ngamanzi” ngokubhekiselele kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340 **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## NGENXA YESITHEMBISO: – Mcebisi Nkohla

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Ngoku imoto yayiyishiye mpela indlela. Yabanguloo duntsu-duntsu ndiphantsi kolo nyawo lwakhe engandiphi mtyhi. Ndabona ukuba mandilupheqe olu nyawo. Ndathi gushu-gushu lwenqaba ndeva ukukrekretha kwamathambo alo ukuba ndilophulile. Uvakele egxwala etsalela kuye olo nyawo waze wazama ukuthumela isithonga senqindi esifubeni xa ephindayo ndaba nakho ukuyichwethezela ecaleni ndisebenzisa loo maqhinga akwakarati. Ndathi xa ndityhala eyangasekhohlo watshona phantsi. Ndayitsho yazingceba iglasi yocango. Ndalandelisa ngeyasekunene eyamdumbisa inyheke. Ndawubhaqa apho umtyhi nomzuzu wokuvula ucango. Ndathi thaxa phantsi ndingxamele ukunyathela iziqhoboshi zemoto eyayintlakantlaka ezingxondorheni ezibubugxwayiba. “Bek’ izandla entloko,” ndayalela ndisemsindweni ekubeni ndiwuthabathele kum umpu wakhe. Wayekhangeleka esezintlungwini ezingummangaliso.

Ndaguqa ecaleni kwakhe ngenjongo yokumbopha ngentambo endayibhaqa ebhuthini. Ndandisawujolise kuye umpu xa wasithi nqaku eso sandla ezama ukuwuhlutha. Sajijisana waze wasuka wandithi gram ngezinyo. Ngelishwa kanti umnwe wam uncamathele kwiqhosha lokudubula. Latsaleka elo qhosha ngaphandle kolawulo lwam. Yataka imbumbulu yayidlavuza intloko yakhe wanaba ethe ngha umlomo edada kwelo chibi legazi. Hayi ke ukuphoxeka. Ayesele elapho amapolisa e-*Flying Squad* awuthatha umzimba nemoto kaNomvuyo eyayintlithekile kwaye izele udaka nothuli lwasethafeni. Xa wawunokukrwaqula exesheni wena mntu unalo yayimibini imizuzu emva kweyeshumi ngentlazane.

7.1 Xela isiganeko elivule ngaso ibali lale noveli. (2)

7.2 Chaza ukuba uDJ uhlangene njani nale moto kuthethwa ngayo kwisicatshulwa. (2)

7.3 Tyhila unxulumano phakathi kwalo mgulukudu ukwisicatshulwa kunye namabanjwa uDJ asekhondweni lawo. (1)

7.4 Xela iidolophu zibeNTATHU eliqhubeke kuzo ibali lale noveli. (3)

7.5 UMavis uzisa wuphi umxholwana wolwaphulomthetho kule noveli? (1)

7.6 Chaza unobangela wempixano egquba kule noveli. (1)

7.7 Chonga kwisicatshulwa uphawu lobaliso olubonisa ukuba umbalisi uyinxalenye yentshukumo eqhubekayo. (1)

7.8 Ucinga ukuba le noveli ingasinika isilumkiso kwizaphulimthetho? Xhasa impendulo yakho. (2)

## ISICATSHULWA B

‘Gqwirhandini lepolisa,” latsho inenekazi.
“Sekutheni ngoku?’
“Ubundithembisile, ubundithembisile ubu...’ wayesele emi ngeenyawo ebetha itafile ngenqindi okongenwe liphela endlebeni.
‘Into ethetha ukuthini?’
“Mandikukhulule kule ndawo.”
‘Ingathi uzilibele into oyiyo,’ ndatsho ndiphakama ndimshiya kwelo gumbi. Ndayalela amapolisa ukuba amgcine eluvalelweni. Nangona ndandisafuna ukubhekela phaya kule ntokazi eyayiyinkomo enotshobo ndaqonda ukuba umntu onokuyigqibezela le ngxelo nguSajini Dada ngenkqu.

Ndakuba ndidibene noDada wathethela elakhe icala ebelidlala kweli qela.
‘Ukudukisa zonke iinkcukacha malunga norhano nezimangalo ezivukayo kweli qela ukuqinisekisa ukuba, ukuba ubani uthe wabanjwa akunakuphela iiveki ezimbini eseluvalelweni.’
‘Umvuzo?,’ ndamphazamisa. Wavuma ngelingagwegweleziyo ukuba umvuzo abewufumana apho ubuwuphindaphinda kane umvuzo awufumana ngenyanga emsebenzini wakhe.

‘Kodwa lowo ndiwufumana ngeveki,’ wagxininisa watsho. Malunga noSajini Ndaba wandidizela ukuba yena ebedlala indima yokunxibelelanisa eli qela nesipolisa nokulilumkisa ngamacebo aza kuthatyathwa ngakulo. **Loo nto ibisenza amapolisa omelwe ngumqa ephinini kuba ebesithi egalela ebesele ehlanganisile loo matshijolo** kakade.
Kwakungorhatya lwemivundla xa umnxeba watsho ngesikrakra isikhalo ndikwigumbi lam.
‘Ewe,’ ndasabela.
“Nceda ndiqhagamshelanise noSajini Jojo’, latsho elo lizwi elalivakala lisemanzini lingcangcazela kwaye libukhefuzela kunga umninilo ubebaleka njengoko lalimana ukuqhawuqhawuka.
‘Sajini ungabisalala.’
Landimangalisa elo. Yiza kuKapteni.
‘Nanjengoko besiphuthume uSajini siwufezile loo msebenzi **kodwa**...’

7.9 Wayelithembise ngantoni uDJ inenekazi elikwisicatshulwa? (2)

7.10 Cacisa injongo yombhali ngokuzisa inenekazi elikwisicatshulwa. (2)

7.11 Chaza uphawu lwesimo sikaSajini Dada oluvela kwincoko enomgca ngaphantsi. (2)

7.12 Tolika umgca obhalwe ngqindilili. (2)

7.13 Chaza ukuba igama u’kodwa’ elingqindilili linika ngcinga ni malunga nokufezeka komsebenzi ekuthethwa ngawo kwisicatshulwa. (2)

7.14 Ingaba isihloko sale noveli siyahambelana nomxholo wayo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

## UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### UMTHOMBO WOBOM-NONDUMISO MDEKAZI, TOMMY KABANYANE

Xoxa ngomahluko okanye ukufana okuphawulekayo kwisakhiwo sezibongo neentsomi. Xhasa impendulo yakho ngentsomi nesibongo osikhethileyo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340. **[25]**

## UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UMTHOMBO WOBOM – NONDUMISO MDEKAZI, TOMMY KABANYANE

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA A: INTSOMI

### IGQABI LENKOSI

Kwahlala, kwahlala kwangantsomi!
Kwakukho umhlambi weemfene. Ezi mfene zazihlala emyezweni wazo kunye nenkosi yazo. Kulo myezo kwakukho imithi yeziqhamo ngeziqhamo. Phakathi kwale mithi kwakukho umthi owawunamagqabi nje ngalo lonke ixesha, wona ungathwali siqhamo. Lo mthi wawusembindini womyezo. Kwakusithiwa amagqabi awo ayemnandi kakhulu, ewatsala kakhulu amasela. Kanti ke kwakungavumelekanga ukuba aphazanyiswe ngokutyiwa okanye ngokuqhawulwa, kuba kwakukholelwa ukuba la magqabi ayenika inkosi amandla okulawula isizwe sayo ngobulumko, kwaye namandla esizwe ayevela kuwo.

Ngeso sizathu ke iimfene zazishiya enye imfene ukuba isale ijonge lo mthi xa ezinye zisaphumile ziye kuzingela. Igama lemfene eyanikwa lo msebenzi yayinguDengetyana. UDengetyana wawenza ngentembeko enkulu lo msebenzi nangona amagqabi alo mthi ayehenda kakhulu ngenxa yokuba kusithiwa makangatyiwa.
Ngenye intsasa xa iimfene ziphuma ukuya kuzingela, inkosi yeemfene yathi yona ayizi kuphangela kuba yayingaziva mnandi. Okunene ke zahamba ezinye zayishiya ngasemva noDengetyana. Yathi makakhe abuye aze kuphumla umzuzwana kuba yayifuna ukumphumza. Wakhe wazama ukwala uDengetyana esithi akanako ukuyekela umsebenzi enkosini igula nokugula. Yathi inkosi: "Hayi Dengetyana, ungakhathazeki. Ndifuna nje ukolula imilenze okwethutyana kuba kudala ndihleli ndawonye." Wavuma ke uDengetyana waya kuphumla endlwini. Kwalile emva kwethuba elide, sele ziza kubuya nezinye iimfene, yabuya inkosi yeza kungqengqa, wahamba noDengetyana waphindela emsebenzini wakhe.

Zabuya ezinye iimfene ngexesha lazo, koko namhlanje zafika uDengetyana entlimpi-ntlimpana. Zothuka zacinga ukuba mhlawumbi inkosi ibhubhile. Zabuza ukuba konakele phi na wathi uDengetyana <u>kukho into etye amagqabi enkosi</u>. Zabuza ukuba inkosi yona injani na, zabe sezisiya kuyikhangela zingalindelanga nempendulo ngumothuko nomsindo. **Ezinye zazisithi uyaxoka uDengetyana nguye otye umthi wenkosi. Zathi zakungena endlwini zafika inkosi iphilile koko nayo inomsindo nomothuko sele ikhawuleza ngokuthi makabulawe uDengetyana kuba yayinguye owayetye emthini wenkosi.**

Zathi sezivuma ezinye kwakho elinye ixhego lemfene elaphakama lathi uDengetyana wayengenakusuka abulawe zizo kuba umthetho wawungahambi njalo. Umthetho wawusithi kufuneka zonke iimfene ziye kutsiba umlambo kwindawo enesiziba esinzulu apho iya kuthi leyo ibileyo ingakwazi ukutsibela ngaphaya koko isuke itshone ifele apho esizibeni kukurhaxwa. Inkosi yakhe yazama ukuthi noko akukho mfuneko yako konke oku kuba kwakucacile ukuba ngubani isela, kodwa iingwevu zala zisithi ukutyeshelwa kwalo mthetho kungeza neshwangusha esizweni.

Kwahanjwa ke kwayiwa emlanjeni. Emlanjeni kwemiwa ngomgca, enye emva kwenye, phezu kwesiziba, zilindele ukutsibela kweliya icala enye emva kwenye. Zonke zazinexhala ...

9.1 Nika umsebenzi wamazwi athi, 'kwahlala kwahlala kwangantsomi'. (1)

9.2 Xela isidingo esisungule ibali lale ntsomi. (2)

9.3 Chaza ukuba amazwi engoma aphindaphindwayo ebudeni bale ntsomi abethelela luvo luni ngoDengetyana. (2)

9.4 Chaza umahluko kwindlela umbalisi ambona ngayo uDengetyana kwinkosi nakwiimfene kwesi sicatshulwa. (2)

9.5 Tyhila ukuba amaxhego/iingwevu zibe lumelo lwantoni ngokwenxaxheba yawo kule ntsomi. (2)

9.6 Xela zibeMBINI iindawo eliqhubeke kuzo ibali lale ntsomi. (2)

9.7 Ingaba silindelekile okanye siyothusa isiphelo sale ntsomi? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.8 Ucinga ukuba ibafundisa ntoni abantu le ntsomi? Xhasa impendulo yakho. (2)

## ISICATSHULWA B (UMBUZO OMFUTSHANE)

**UHani uyibekile inqawa**

Kungani bekudubulele emzini wakho?
Umoya ongendawo udlale ngabo qwaba,
Umothusil' ukhongolose namakomanisi,
Isithonga sokusweleka sothus' uMzantsi Afrika,
Kwaba sisankxwe, impithizelo nowele-wele

Bakubulala ngokumasikizi nangengqumbo,
Iimpendulo zokufa kwakho aziphumi kuWalus,
Zingaphumi nangokunjaqo kuDerby Lewis,
**Imiqodi ngemiqodi** ithontele eBoksburg.
Izokungqina ukuba ulele kuloo mangcwaba alapho

9.9 Caphula ubungqina bokuba uHani udutyulelwe ekhayeni lakhe. (1)

9.10 Khankanya imibutho ibe mibini awayelilungu layo uHani ngokomqolo wesi-3. (2)

9.11 Tolika ibinzana elibhalwe ngqindilili. (1)

9.12 Nika umxholo wesi sibongo. (2)

9.13 Xela ababulali bakaHani ngokwesitanza sesi-2. (2)

9.14 Imbongi ibonakala ivakalelwa njani kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwidrama, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 11.
- KwiDrama kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### NATHI SINGABANTU – C.S. HOBONGWANA

UNohenjisi ungumlinganiswa oliqhawe. Ngqina olu luvo ungqiyame ngeempawu, iintetho nezenzo zakhe zobuqhawe kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340 **[25]**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

| | |
|---|---|
| **UMHLOBO** | Uyabona ke, ndiza kukucebisa ukuba ujonge ezi zinto zintathu. Ukuba uzijonge kakuhle, ayisoze iphele le nyanga ungamfumananga umntu wakho. |
| **USONKE:** | Utsho? |
| **UMHLOBO:** | Nditsho. Yiya kwisikhululo seenqwelo moya, ujonge ukuba lo mfo ufike ngolu suku athi ufike ngalo na. |
| **USONKE:** | Ewe. |
| **UMHLOBO:** | Okwesibini: Qondisisa kumfazi ukuba ngokwenene uSikhulu ngutata walo mntwana na. Amaqaba namaqabakazi bayazifihla izinto zabo, baxolel' ukufa ngamadoda abo aba bantu, ngaphandle kokuba badiniwe. USikhulu kaloku liqaba elinobudolophu. Uyingozi gqitha umntu onjalo. |
| **USONKE:** | Okwesithathu? |
| **UMHLOBO:** | Xelela uSikhulu ukuba umntwana uyakwazi ukunxibelelana nabantu kwaye uyincutshe ekuzobeni. Kule veki izayo ngoLwesihlanu uthe ze nifike uza kuninika umzobo walo mntu ufake ityhefu ekutyeni kwakhe nalo umdlwenguleyo. |
| **USONKE:** | Utsho? |
| **UMHLOBO:** | Nditsho. **Uyabona, ukuba nguSikhulu umenzi wezi zinto zimbi, nakanjani uza kuzama ukumbulala ngokukhawuleza**. Uza kwenza iimpazamo ezininzi xa kulapho kuba akakwazi ukucinga kakuhle. Ezinye zezi nkokeli zixolele ukubulala umntu kunokuphulukana nesikhundla. |
| **USONKE:** | Unyanisile. Yazi andazi ukuba kutheni, kodwa ndisuke ndanethemba. |
| **UMHLOBO:** | Imfihlelo wena yile, xa uphanda umntu wepolitiki zama ukucinga njengaye. Ngamaxoki iinkokeli ezikhoyo. Awukhe uzive xa zicatshulwa emaphepheni? Ungeva imigca ethi, "Abandivanga kakuhle","Bandicaphule ngokungekho mxholweni", Bendingathethi loo nto". Ubokwazi ukuba ngumntu wepolitiki lowo. |

11.1 Khankanya iziganeko zibeziBINI ezingunozala wale ngxoxo ikwisicatshulwa. (2)

11.2 Xela zibeziBINI izizathu zokuba uSikhulu abe ngumrhanelwa kolu phando. (2)

11.3 Ngqina ubunyani bamazwi kaMhlobo abhalwe ngqindilili. (2)

11.4 Asebenza amacebo kaMhlobo akwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.5 Chaza ngeengongoma eziNTATHU indima edlalwe nguSonke kule ngxaki ichaphazela uNkosunaye. (3)

11.6 Chonga kwisicatshulwa iinkcukacha zibeMBINI ezibubungqina bokuba le drama ingezehlo zexesha elisemva kowe-1991. (2)

11.7 Ucinga ukuba lo mdlalo uyintlekele okanye uyintlekele siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)

## ISICATSHULWA B

| | |
|---|---|
| **USIKHULU:** | Khawundinike esona sizathu sinokwenza ukuba ndinganimangaleli. (*Cwaka amapolisa)* |
| **USIKHULU:** | (*Uyaphakama akhombe emnyango*) Bantu, khaniphumeni endlwini yam. Ukuba bendisazi ngendingakhange ndininike nendawo yokuhlala. Ndiya kumaphepha-ndaba noomabonakude ngoku, ndibaxelele ngento enaziwa ngayo kulo Mzantsi Afrika uphela,-ubufede. Ngathi nezi bhulukhwe nizinxibileyo ngenizinika abafazi kuba bangenza ngcono kunani (*Bayaphuma benyoshoza uSonke noMhlobo, aze uSikhulu ashiyeke ethetha yedwa ngeli lixa umfazi emkile)* **Ndinifumene kamnandi zidengendini! benicinga niza kufumana bani**? Nicinga niza kumfumana phi loo mntu unendlebe eyihafu? Uyabona ke ngoku, ndiya kumabonakude ngoku. Inene ndiya kuthetha ndishiye endingalaziyo kanene! Kuya kuthi kusihlwa, ibe igcwele le ndlu ngabantu abaze kundikhunga. Ngoku baya kugxeka amapolisa balibale ngezam izono. Ndibathandela loo nto ke abantu, balibala msinya. Utya imali yabo, baphinde bakuvotele. Loo nto abadinwa. Kumnandi kweli lizwe, andazi kunjani kwaSathana, kodwa naye uya kuthi endoja, andojele into eyiyo. Umntu uphila kanye kulo mhlaba. (*Esakha amaxhaga*) Yonke into ihambe ngendlela. Iyha, neh? Kunyanisiwe xa kusithiwa xa ufuna into ilunge, yenze ngokwakho. Ukuba bendingekho phaya, ngesaphila uMzingisi. Ingxaki ngoku nguNtsokolo noNokuthula, umfazi onjengaye usoloko esebenza kwiipokotho zamadoda. Iza kuthi yakuphela laa mali abuyele enye. <u>Makhe ndibayeke okwangoku</u> kuba izinto zisandihambela kakuhle. |

11.8 Caphula kwisicatshulwa intetho kaSikhulu ewajongela phantsi amapolisa. (2)

11.9 Nika injongo yamapolisa ngokuxokisa uSikhulu ngokufa komntwana. (1)

11.10 Tyhila isigqebelo esikumazwi kaSikhulu abhalwe ngqindilili. (2)

11.11 Nika zibeMBINI iimpawu zedrama ezifumaneka kwesi sicatshulwa. (2)

11.12 Ivuselela ngcinga ni intetho kaSikhulu ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: [25]**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekisha kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akuvumelekanga ukuba aphendule umbuzo osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye kwijenri enye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokuchanekileyo, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo esisincoko*

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.

8. *Imibuzo emifutshane*

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo,** musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/ BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Makisha impendulo exhasayo.

11 Iimpendulo zemibuzo emifutshane mazihlolisiswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubeke ngexesha lobekomgangathweni lwesikhokelo sokukorekisha.

## ICANDELO A: ISIHOBE

**ISINGQI SENKULUNGWANE – P.M QANGULE noM.G MDLIVA**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**UMONA – M.G. MDLIVA**

**Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Ama-6 ngawomxholo aze ama-4 abe ngawolwimi kunye nesimbo.**

**Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.**

- Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
- Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-18 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo**

- Lo mbongo usebenzisa izafobe, isikweko, isifaniso, isigama esingundileyo, uphindaphindo ngenjongo yokuxabhela/ ukudala imifanekiso ntelekelelo yomona njengento enganqwenelekiyo.
- Isitanza sokuqala kumqolo woku-1 ukuya kowesi-4 sisebenzisa uphindaphindo oluthe ngqo ngegama 'Yingcinga" ukuphuhlisa ukuba umona yinto esukela engqondweni kwaye ingaphinda isuke.
- Sisebenzisa uphindaphindo ngezifanokuthi olubonakalisa ukuba lowo unomona akacingisisi, ingqondo akayisebenzisanga ngokupheleleyo size sisebenzise isigama esityhila ukungcokocha komona.
- Okunye usebenzisa igama, 'enyolukileyo' ukubonakalisa ukuba onomona ubangelwa kukucinga nokubona izinto ezintle ezenziwa ngabanye abantu ze athi ngenxa yentliziyo embi anqwenele ukuba inga ingazezakhe.
- Umbongo uwuchaza umona njengomtshabalalisi, umxabanisi ongenanceba, onoburhalarhume. Esi sigama siqaqambisa ukungcola kulowo uthe wanomona. Siyawugxibha sibonakalisa ukungalungi komona.
- Ukubonisa ukuba awulunganga umona, imbongi ikwasebenzise isigama 'umzingeli wothando noxolo'. Ukuzingela kusetyenziswa ngenjongo yokugqamisa ukukhangela ngenjongo yokutshabalalisa oku komzingeli efuna isilwanyana aza kusitshabalisa asitye. Apha uxolo nothando zizinto ezakhayo kodwa umona wona udala ukuba zingabikho.
- Usebenzisa isikweko, 'ngumzondo' ukudala umfanekiso ntelekelelo wento engafunekiyo: umzondo osisinambuzane esibhabhayo esinevumba elibi ukuphuhlisa ukuba eneneni umona awenzi kube mnandi kungahlaleki kamnandi apho ukhoyo umona.
- Uwuthiya ixelegu, ixixilili lexumbululu likaxam, athi, yihagu esisu sixumbululu' ngesikweko esinjongo ikukuwufanisa nesilwanyana sasekhaya esaziwa ngobuxelegu-ihagu.

- Ithoni iyodwa edlawa zizandi oo'x' zizisa uluvo lokuba iyacatshukelwa nanjengokuba nabani xa engayithandi into esebenzisa ezi zandi oo'nxa' abadiza ukucaphuka, nokungahambisani.Kuko konke uyifanisa nehagu egqamisa ukungcola okuhamba nokwenza izenzo zomona.
- Kumqolo wesi-6 imbongi isebenzise isikweko ukuphuhlisa ukuba umntu onomona usoloko elwisa abanye abantu kwaye unobungozi.
- Kwisitanza sesi-2 isebenzise isikweko. igama 'ngumzingeli' elikumqolo wesi-7, ngokwakwaXhosa lithetha umntu osukela iinyamakazi ngeenjongo zokufumana inyama kodwa ngokwalo mbongo imbongi iphuhlisa ukuba ngumntu ongathandi ukubona abantu bonwabile uthi wakubona konwatyiwe acinge into engaphelisa lonke olo lonwabo.
- Kumqolo wesi-8 imbongi isebenzise imfanozandi ukuphuhlisa ukuba umona ufana nevumba elibi olivayo kodwa ube ungalazi ukuba lisukaphi kodwa izandi ezi ziphindiweyo zidiza ukoyikeka komona.
- Imbongi kwesi sitanza ikwagxininisa ukungcola nobumdaka bezenzo zomona nokuchitha-chitha ngenxa yokungoneli kwawo.
- Kwisitanza sesi-3 kumqolo we-13 ukuya kowe-16 imbongi isebenzise isifaniso. Izakhi sifaniso njenge, nqwa ne, nokukhelelela ewufanisa nezinto ezitshabalalisayo ezingenabuhle ziwenza umona kungabikho bani uwufunayo ngaphandle kwalowo uwenzayo. Ukufanisa nemhemfu yehagu kudiza kanye ukungabi nandima, ukwenza izinto zingahambeli phambili nangona amandla eqhuba esetyenziswa, kuyabambezela kutya amandla.
- Konke oko ikwenza ngenjongo yokuqaqambisa umonakalo osele wenziwe ngumona ekungekho lula ukuwulibala. Umona udala iingxabano phakathi kwabantu baxabane, baphelelwe ngumdla wokwenza izinto ezintle. **[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UNKOSI UJONGUMSOBOMVU MAQOMA – P.M QANGULE

2.1 Luphindaphindo lwesandi u'rh'. √ yimfanozandi √ (1)

2.2 Ukubon' uJongumsobomvu evath' iqaqa entlantlath' intlungu. √
Siboneni isilo sikaRharhabe silephuz' amadangatye. √ (2)

2.3 Athathe umhlaba wabamnyama √ athathe uNkosi uJongumsobomvu aya kumvalela ejele. √ (2)

2.4 Sisikweko. √ (1)

2.5 Ngumfanekiso ngqondweni wendlebe √/ wokuva. √ (1)

2.6 eRobben island. √ (1)

2.7 Lo mbongo ubhalwe ngenjongo yokuncoma uNkosi uJongumsobomvu Maqoma ngemizamo yakhe yokulwela okukokwamaRharhabe kumadlagusha ngexesha lokufika kwamaSetlani ngeminyaka yoo1800. √√ (2)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## INTYATYAMBO – M. G. MDLIVA

3.1 Lubizwa ngokuba yimvanosiphelo √/ yirayim'. √ (1)

3.2 Itsitsitheka kunzim'ubomi, √ ishixiza √ (2)

3.3 Butywala √/ziziyobisi √/ngabantu abangootata √/ngabantu abangamadoda √/ yindlala emenza ayokuzigalelela kubantu abangamadoda abaxhaphazayo. √
[Nasiphi isibini kwezi] (2)

3.4 Sisifaniso. √ (1)

3.5 Ngumfanekiso ngqondweni weliso √/ wokubona. √ (1)

3.6 Kwintombazana. √ (1)

3.7 Lo mbongo ubhalwe ngenjongo yokutyhila iingxaki ahlangabezana nazo amantombazana kwindlela yawo yobomi. √√ (2)
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**IQUL'ELINGATSHIYO – M.G. MDLIVA**

4.1 Lubizwa ngokuba yimvano siphelo √/ yirayim' esekupheleni komqolo. √ (1)

4.2 Ziyanyalasa iimfazwe √/ liyagqugqisa √/ ithemba lixhom'izandla √ umphefumlo uyajijitheka √
[Nasiphi isibini kwezi] (2)

4.3 Zezomoya √/yindlala √/izifo √/uphelelwe lithemba √ /kuyafiwa √/ kuyagulwa √/
[Nasiphi isibini kwezi] (2)

4.4 Lubaxo. √ (1)

4.5 Ngumfanekiso ngqondweni weliso √/ wokubona. √ (1)

4.6 Kwinkolo. √ (1)

4.7 Lo mbongo ubhalwe ngenjongo yokutyhila iingxaki abahlangabezana nazo abantu kwindlela yabo yobomi nokunika isisombululo kwezo ngxaki banazo. √√ (2)

**[10]**

## ISIHOBE ESINGAFUNDISWANGA (KUNYANZELEKILE UKUBA USIPHENDULE)

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## IYUNIVESITHI YASEFORT HARE – M.P.BEWUZANA

5.1 YiYunivesithi yaseFort Hare. √ (1)

5.2 Kungokuba iinkokeli ezininzi ezizizazi zeAfrika iphela ziphuma kule yunivesithi. √ (1)

5.3 Oliver Tambo √/ Nelson Mandela √/ Govan MBEKI √/Robert Sobukwe √/ noMangosuthu Buthelezi. √
[Nasiphi isibini kwezi] (2)

5.4 Yeyokuba abapheli abantu ababalulekileyo abafunde kule yunivesithi xa ubabala ngabanye. √√ (2)

5.5 Ilitha yinto eyenza kukhanye xa bekumnyama. √/Le Yunivesithi idlale indima yokwenza bantu baseAfrika bafunde batsho bayibone ingcinezelo elikuyo ilizwekazi labo batsho bafumana amacebo okuzikhulula ngokufunda kwabo. √ (2)

5.6 Sisibongo kuba siqala ngesikhahlelo sibuye sivale ngaso √√/ Sisibongo kuba sibonga indawo ebalulekileyo esizweni. √√
(Nayiphi impendulo echanekileyo eluphawu lwesibongo esikhoyo kulo mhobe.) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

## INOVELI

## UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## NGENXA YESITHEMBISO – MCEBISI NKOHLA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-17 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo**

Intetho yesiXhosa ethi, 'Ingcibi yamanzi ifa ngamanzi', ithetha ukuba umntu ufa ngale nto alichule layo. Isohlwayo sakhe sihambelana nesenzo esigwenxa asenzileyo. Isenokuthetha ukuba umntu ufumana isohlwayo esihambelana nakwenzileyo. Nakule noveli bubonakele ubunyani bale ntetho malunga namabanjwa okanye nemigulukudu/ imigewu/ amatshijolo akule ncwadi.

- Ukubuya nje umva kancinci, amabanjwa amathandathu aqhwesha kwintolongo iCentral Prison yaseMthatha kuze oko kudale ukusekwa kwephulo lokuwababamba nguKapteni Nakeni.
- Iphulo libandakanye isipolisa sisonke kodwa uphando lufuna konyulwe umphandi omnye kuphela waba ke uyazigqatsa uDumile Jojo okwasesipoliseni.
- Kuphando alwenzileyo kufumaniseka ukuba amapolisa uSajini Ndaba noSajini Dada ayabandakanyeka kulo mkhonyovu ngenxa yokuba beneenjongo zabo zokwengeza umvuzo wabo ngokunikisa ngolwazi lwasesipoliseni ukuze izaphulimthetho zizikhusele kumapolisa kwangoko.
- USajini Ndaba obesebenzisana nemigulukudu ngokuyinika ulwazi malunga nokucetywa ngamapolisa ngayo ufe ngokubulawa ngamapolisa eMaclear xa naye ebewadubula.
- UNeo oyinkokheli yemigewu, ubulawa ehlutha imoto kaNomvuyo nguDJ, ngemini uDJ ekhweliswe emotweni nguNomvuyo eziyela nje yena kwaMavis. Woselwe nguDJ ngompu okwangowakhe engazazanga naye uDJ ukuba uhlangene nenkokeli yemigulukudu. Lilonke uDJ uqale ngenkokheli yemigulukudu.
- UTshezi ufunyenwe wasesibhedlele phantsi kweliso lamapolisa emva kokusokolisana namapolisa ekuthe kanti amathathu ahlukene nobomi bawo. Nangomhla wesigwebo uTshezi wafumana isigwebo esiqatha.
- Indoda kaSasa ethubelezisa iziyobisi, ekwakhokela imigulukudu eGoli ibanjiwe yasiwa kwijele yaseMthatha.
- USasa udutyulwe sisigcayiseli abesithiyisele ukuba sibulale uDJ lahlanza iselwa kwakuye. Lilonke isigcayiseli alichule lokusisebenzisa usisebenzise sibe lichule lokubulala kwayena.
- UDada obesebenzisana nemigulukudu ubanjiwe naye.
- Umgewu obubulala amanenekazi uphelele ejele emva kokuba ubuthwebule uMavis.

- UmLungukazi obehambisa iziyobisi naye uphele eseluvalelweni.
- Bonke abantu abafe kule ncwadi bafe ngezinto ebebethanda ukuzisebenzisa ukubulala abanye abantu ukusukela kuNeo, uNdaba kunye noNontsasa Ngewu.

[Nayiphi na impendulo echanekileyo] **[25]**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

7.1 Sesokuqhwesha kwamabanjwa amathandathu abegwetyelwe intambo kwintolongo yaseMthatha. √√ (2)

7.2 Uhlangene nayo ngokuba imkhwelise xa ebehayikha esiya kwaMavis emva kokwenza imithambo yokubaleka. √√ (2)

7.3 Kuthe kanti lo mgulukudu lelinye lamabanjwa elinguNeo. √ (1)

7.4 Yidolophu yaseMthatha. √ / iHeshele √/ Maclear √/ eRhawutini √
[Nasiphi isithathu kwezi] (3)

7.5 Uzisa umxholwana wolwaphulomthetho okukuphathwa gadalala kwabasetyhini. √ (1)

7.6 Kukungahluleli phakathi kwamagunya nolwaphulomthetho √/ Yintlawulo encinci yasesipoliseni √/ ukungakwazi ukwahlulela phakathi kwentlawulo ngenkonzo karhulumente nomvuzo. √
[Nayiphi kwezi] (1)

7.7 Luphawu lokusebenzisa kwakhe umntu wokuqala kubaliso lwakhe.√ (1)

7.8 Ingasinika isilumkiso kuba xa izohlwayo ezifunyenwe ngabaphulimthetho zihambelana nezenzo zolwaphulomthetho abazenzileyo, kulula ukuba abasafuna ukwenza ulwaphulo mthetho balumke bazi ukuba abayi kuvuna nto ngaphandle kwezohlwayo. √√
[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)

7.9 Wayelithembise ngokuba liya kuphuma eluvalelweni xa lithe lamnika ulwazi alufunayo. √√ (2)

7.10 Kukuba uDJ azokufumana umkhondo nolwazi olunzulu ngendlela abasebenza ngayo beliqela lemigulukudu. √√ (2)

7.11 USajini Dada uvelisa uphawu lokuba ulipolisa elaphula umthetho √√/ luphawu lokurhala afune ngaphezu kokuba enikwa ngumsebenzi wakhe √√/ luphawu lokungathembeki emsebenzini. √√/ luphawu lokuthanda imali ngaphezu komsebenzi. √√
[Nayiphi impendulo echanekileyo] (2)

7.12 Loo nto ibisenza ukuba amapolisa axakwe kuba ebesithi esiya kwelo xhwayelo abe sele elunyukelwe yimigulukudu. √√ (2)

7.13 U'kodwa' unika ingcinga yokuba umsebenzi ofeziweyo wokufumana uSajini Ndaba awugqibelelanga kuba akasaphili nanjengoko bebeyalelwe ukuza naye ephila. √√ (2)

7.14 Isihloko sale noveli esithi 'Ngenxa yesithembiso' siyahambelana nomxholo wayo kuba uDJ owathembisa ukulwa ubugewu wakwenza oko ngempumelelo noxa oko kwakubeka ubomi bakhe emngciphekweni. √√/ kuba uDJ owathembisa uMavis ngokufa naye wade waxolela ukuba ityala likhe lime lingaxoxwa kunokuba angayi kunceda uMavis owayesengozini ngenxa yokuba esazana naye, ngenxa yesithembiso awayesenze kuye. √√/ kuba umntwana kaMavis wathiywa igama lokuba nguSithembiso ngenxa yesithembiso uDJ awayesenze kuMavis. √√
[Nayiphi impendulo echanekileyo] (2)

**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**UMTHOMBO WOBOM – NONDUMISO MDEKAZI, TOMMY KABANYANE**

Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina. bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.

- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-17 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**
**Imizekelo ngokwentsomi okanye isibongo asikhethileyo**

**ISAKHIWO**

Isakhiwo sezibongo neseentsomi siyahluka kwizibongo ezithile ezifana nezibongo zeenkosi. Kanti siyafana xa isibongo eso sisekwe kubaliso kuba amanqanaba esakhiwo sebali njengakuzo zonke iijenra ezibalisayo siba sesiya sinengabula zigcawu, ukuyondelelana nokujiya kwezinto, uvuthondaba, ukusonjululwa kwezinto nesiphelo.

**Kwizibongo**

**Izibongo zinendlela eziqala ngayo eyahlukayo kweyentsomi noxa injongo inye ikukucela indlebe.**

Umzekelo: iqhelekile le ithi Ho-oo-yina, ho-o-o-yina. Zimbi zisebenzisa ikhwelo. Umzekelo: Vi-vi-vi-i-ityo. Kwakhona zikho eziqala ngezikhahlelo Umzekelo: Aa! Dalibhunga. Kukho enye indlela yokuqala isibongo nangona yona ingaxhomekeke kumazwi omlomo. Umzekelo: Isuka ichwechwe ihambe kancinane ngokungathi inanto iyichwechwelayo.

**Isiqu**
Kwisiqu esinjongo ikukuncoma umntu/iqhawe/inkosi okanye umntu obalulekileyo**,** isiqu singahambelana novakalelo lwembongi. Xa iva kabuhlungu itsho ngomrhutyululu wento engenabume ncam kanti ngokovakalelo lwayo yonwabile ingawahlula umbongo ngokuhambelana nomoya wayo. Kwizibongo ezingabantu, kuxhaphake ukwahluka kabini okanye kathathu ngokwale mixholwana. Kungachazwa imvelaphi, inkangeleko yenkosi xa kubongwa inkosi nezinto ezenzileyo.

**Isiphelo**
Kwisiphelo sesibongo zikho iindlela zokusonga isibongo Umzekelo: Ncincilili, Ndee gram iyho!
Kuyenzeka ke kwezinye iintsomi isakhiwo sichakwe ngokweembono zeengcali ezizizazi zesakhiwo njengoko kuza kuchakwa ngokwale ingezantsi apha.
Ngokwezinye iintsomi; kubakho inqanaba lesidingo, kuze kwinqanaba lesidingo kutyhilwe into edingekayo nezakwenza ukuba abalinganiswa bashukume. Kulandela iinzame zokuhlangabezana nesidingo.

Umzekelo kwintsomi yezilwanyana kuzanywa iindibano ukuze kuzanywe iindlela zokuhlangabezana okanye nokuza necebo lokuhlangabezana nesidingo. Kuye kufikelelwe kwisigqibo esithile. Kuthi kwakubakho isigqibo kubekho umdubadubi waso aze asidubadube:
Kweli nqanaba kuthi kubekho umlinganiswa othile odubaduba izigqibo ebekufikelelwe kuzo ngokuthi enze izinto ezichaseneyo nesigqibo.
Kuyazanywa ukuba abanjwe umdubadubi lowo athi ke akubanjwa libe liyaphela ke ibali lentsomi.
[Nayiphi na impendulo echanekileyo] **[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UMTHOMBO WOBOM-NONDUMISO MDEKAZI, TOMMY KABANYANE**

9.1 Umsebenzi wala magama kukutsala umdla kubaphaphuli. √ (1)

9.2 Kukulondolozwa kwamagqabi enkosi. √√ (2)

9.3 Abethelela uluvo lokuba uDengetyana akathembekanga. √√ (2)

9.4 Umbalisi umbona ewenza ngentembeko umsebenzi wakhe ngeli xesha iimfene zimbona njengesela. √√ (2)

9.5 Zilumelo lwenyani nokugcinwa kwezigqibo √√/ zilumelo lokwenziwa kokulungileyo √√ (2)

9.6 Liqhubeke emyezweni √ nasemlanjeni √ (2)

9.7 Siyothusa kuba inkosi akulindelekanga ukuba ibe amagqabi ayo √√/ akulindelekanga ukuba inkosi ithengise ngabantu bayo. √√ (2)

9.8 Ifundisa ukuba ungabokuthemba mntu √ kuba inkosi ibithenjiwe kanti yiyo ebe amagqabi ayo. √ Wonke umntu uyona nokuba angahlonipheka kangakanani √ kuba inkosi ibihlonitshwe ngumntu wonke kanti yiyo isela √
[Nayiphi impendulo echanekileyo] (2)

9.9 Kungani bekudubulela emzini wakho? √ (1)

9.10 YiANC √ / African National Congress √ neSACP, South African Communist Party √ (2)

9.11 Abantu babefika ngokufika bebaninzi bengamaqela ngamaqela ngamaxesha ngamaxesha. √ (1)

9.12 Isibongo singokufa ngokudutyulwa kukaChris Hani okothusayo ebulawelwa emzini wakhe. √√ (2)

9.13 Ubulewe nguJanus Walus √ noDerby Lewis √ (2)

9.14 Ivakalelwa kabuhlungu √/ ikhathazekile √ kuba siva xa isithi ngombuzo buciko wayo obika ukuxakwa nokothuka. √
[Nayiphi impendulo echanekileyo] (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## NATHI SINGABANTU – C.S HOBONGWANA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha le-17 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

- UNohenjisi kule drama, okweqhawe kanye, ibali liqala ejongelwa phantsi esisigculelo, ejongelwa phantsi nguSikhulu umyeni wakhe. USikhulu ubemjongela phantsi ngobuqaba nenzala yakhe ibingabantwana abanezikhwasilima zomzimba. Uyaninwa nguNokwakha ngobuqaba bakhe nokubamba amasiko.
- Usisixhobo sokulwa kooMpilo. Konke oko kumnika amava okuqobisela izinto ezijongene kakubi nomxhelo wakhe. Njengeqhawe liphela ibali sele inguye oqhwatyelwa izandla de abe uSikhulu urhuqeke phantsi wabe usejele xa seliphela ibali. Waziwa njengeqhawe elilwele amalungelo olwimi, abantu abahlelelekileyo, izithethe zikaNtu, sele inguye inkokeli.
- UNohenjisi zisuka nje uvela engahambiselani kwaphela nokuphatheka gadalala kwabantu abangenanto namaqaba.Umele umyeni wakhe ngelithi imfundo yabo yeyani xa besoyiswa kukuza nesisombululo sokwabelana ngomhlaba. Ummele umyeni wakhe onguSopolitiki ngelithi baxakwa kukubhala imithetho emitsha.
- Uvula umlomo malunga norhwaphilizo alubonayo apho imali kaRhulumente ingasetyenziselwa ukwakha izikolo, iikliniki, izibhedlele ngakumbi ukusebenzisa ulwimi lwakhe umntu.
- Uyayimela eyokusebenzisa ulwimi lwakhe kude kuye esiphelweni apho ade wavunyelwa yinkundla wade wabhalwa umthetho wokusebenzisa ulwimi ngokukhululekileyo.
- Ukumele ngomzimba ongenaxhala ukusetyenziswa kwamasiko nezithethe zakwaNtu nokuba abantu bayakhumsha.
- Uyawamela amalungelo abafazi nokuxhatshazwa kwabantu abangamaqabakazi ngabantu abathi bafundile ngempumelelo apho kusetyenziswe inkosikazi yomyeni wakhe angakhange ayiphe thuba oko batshata.
- Umlwa aphumelele uNokwakha uNohenjisi ngokuvuma ukuba umntwana athathwe nguNokwakha esazi ukuba yena ufuna afunde isiNgesi. Xa esayina amaphepha okunikezela umntwana kuNokwakha ubeka u-X emaphepheni ezazi ukuba uyakwazi ukusayina. Ivela enkundleni into yokuba kanti uyakwazi ukubhala igama nefani yakhe. Ume ngelithi U-X akanasihlahla kuba yena uyakwazi ukubhala, uma emkhumbini acele onke amaqaba amxhase.

- Uyaphumelela ukwenza ukuba umntwana wakhe odlwengulweyo ancedeke ngokuthi angayiqhusheki phantsi kwetafile into yokuba intombi yakhe idlwengulwe nanjengoko omnye umntu ebeya kwenza kumntwana ongakwazi nokuzithethela.
- Uyaphumelela ukusindisa uNkosunaye xa edliswa ngokuthi angavumi anyanzelwe ngokutya suka kunikwe inja kuvele ngokufa kwenja ukuba ukutya bekufakwe idliso wabe uyaphumelela ukusindisa umntwana wakhe. Konke oku ukubonakalisa ngokuba ngumama onomqaphela kumntwana wakhe ngokuthi ayazi into umntwana aqalayo ukuyibona emntwaneni wakhe.
- Isithethe sikaNtu uyasisebenzisa simncede uNohenjisi kuba xa kufika umbiko wokufa komntwana wakhe akavumi ukulungiselela umngcwabo engabonwanga umntwana ngeli xesha umyeni wakhe agcadiyayo efuna kulungiselelwe ukumngcwaba engambonanga enjalo. Ukhalima alungelwe nalapha uNohenjisi.
- Amagama abantwana bakhe ngamagama okhuselo uBaphantsi, uNkosunaye anjongo ikukuqinisekisa ukhuselo oluluqilima ngaphaya kwawakhe amandla iminyanya kunye noThixo.
- UNohenjisi ubetha ngenqindi phantsi ngelithi ityala lakhe malithethwe ngesiXhosa kwaye akafuni nokutolikelwa elizweni lakhe Noxa ehlekwa uyazingisa ade aphumelele. Kuthe kanti kukuqala, ezimbalini ukuthethwa kwesiXhosa kwinkundla yejaji yalandela imithetho evulela oku.
- UNohenjisi uvakalisa elubala ukuba lilungelo lakhe ukusebenzisa ulwimi lwakhe naphi na ngokomgaqo siseko.
- Ulwela ukuba umntwana wakhe nabanye bangaze bayekwe bangawenzi amasiko abo avulelwe.
- Uyemisa enkundlleni abantu bengqina ukuba bafuna konke okuphucukileyo ezilalini athi noko engakhange azibandakanye kupolitiko afumane iivoti ngokumela amalungelo abantu basezilalini ukuba bafumane iikliniki izikolo izibhedlele njalo-njalo.
- Isigulo sakhe sezifundiswa ezizidenge sinyangekile kuba umthetho uzingqinile zonke izinto abezikhalazela, kwaze kwenziwa utshintsho. **[25]**

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## NATHI SINGABANTU – C.S HOBONGWANA

## ISICATSHULWA A

11.1 Sesokudlwengulwa kukaNkosunaye √ nesokudliswa kukaNkosunaye ityhefu. √ (2)

11.2 Yindlela aphendule ngayo xa ebuzwa imibuzo nguSonke √ nokungabizi umhla ochanekileyo wokufika kwakhe kwisikhululo senqwelomoya. √ (2)

11.3 Anobunyani kuba uSikhulu wenze ilinge lokumbulala uNkosunaye ngokuthutha ngemoto yakhe uMzingisi noNtsokolo abathengileyo ukuba bambulalele kwindawo agcinwe kuyo uNkosunaye. √√ (2)

11.4 Asebenza kuba ngawo awancedisa ekubanjweni kukaSikhulu nanjengoko kwathi kanti nguye umenzi wobubi. √√ (2)

11.5 Udlale indima yokuba ngumcuphi. √/ Unike uNkosunaye icebo lokufota abantu abaze kumenza nokuba yintoni ayikrokrelayo. √/ Umthathe wamsa esibhedlele eqinisekisa ukuba uphilile. √/ Uthe akubona ukuba bamfuna efile kunjalo wamfihla. √/ Waze wagquka umkhondo ngokwazisa ikhaya lakhe ukuba akasekho ukuze baxakeke kukwazisa amaphephandaba ngeli xa bona basebenza ukubamba abenzi bobubi. √
[Nasiphi isithathu kwezi] (3)

11.6 Isikhululo senqwelo moya. √/ Abacuphi √/ Amaphephandaba √/ abantu abamnyama kwizikhundla zepolitiki √/ ukudlwengulwa kuthethwa ngako phandle √/ amapolisa ayithathela ingqalelo into yokudlwengulwa √/ abantwana abanezikhwasilima zomzimba bathathelwa ingqalelo. √
[Nasiphi esibini kwezi] (2)

11.7 Yintlekele siyoliso. √ kuba intlekele siyoliso ibonakala ngokuthi ibe neziganeko ezihlahlambisa umzimba kodwa kuko konke oko liphele ibali kulungisiwe, izinto zihamba kakuhle kumntu wonke obesengxakini, √ nakulo mdlalo, nangona umdlalo ubuqhutywa zizenzo zodlwengulo nempalalogazi labantu abahlelelekileyo, uNohenjisi nabantu abahlelelekileyo baye bagwetyelwa kuzo zonke ezo zinto saza isizwe naso salungisa iimposiso zaso ngakubantu abangakwazi kubhala nakukhumsha. √/ ukwenzakalisa abantwana, kusenza sihlale sibambe amazinyo, uloyiso olufunyanwa nguNohenjisi lokuphumelela ekulweleni amalungelo abantwana lulona lusinika ulonwabo singabafundi bencwadi kwakunye nabantwana batsho bakhululeka. √
[Nayiphi inkxaso kwezi] (3)

11.8 Ndibaxelele ngento enaziwa ngayo kulo Mzantsi Afrika uphela,-ubufede √/ Ngathi nezi bhulukhwe nizinxibileyo ngenizinika abafazi kuba bangenza ngcono kunani √/ zidengendini! √
[Nayiphi enye kwezi] (2)

11.9 Kukuthenga ixesha ukuze ade agqibe uphando lwawo. √ (1)

11.10 Sisekubeni uSikhulu ebecingela ukuba uwafumene amapolisa kanti aseza kufumana yena ade abanjwe kwangawo. √√ (2)

11.11 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo. √ Ingxoxo yabalinganiswa √ Intshukumo yabalinganiswa ixelwa kumagama abukekela akwizibiyeli. √/ uvakalelo lwabalinganiswa silunikwa kwintetho ende azithethela yedwa kuyo umlinganiswa. √
[Nasiphi na isibini kwezi] (2)

11.12 Ivuselela ingcinga yokuba useza kubabulala √√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

## ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **5–6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo indlela azakuzela ngayo ingxoxo ukuwulandela kakuhle umhobe.<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu.<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo Kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugwesileyo lwesihobe. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile<br>-Impendulo ibonakalisa ulwazi lwesihobe. | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo<br>-Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe. | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonakalisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe. | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe.<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe. |
| | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlela yokubhala. Ulwimi ithoni nesimbo sokubhala isincoko<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, zinomtsalane zichanekile<br>- Igrama, upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana<br>-Ukuthunegelana kwengxoxo kuyalandeleka.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala. | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana Kwezimvo.<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko.<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4–5** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile. 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo. 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu. | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga.<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle.<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.<br>-Imihlathi ineziphene. | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo.<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka. |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–18** | **10–13** | **6–8** | **0–4** |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mnike u-0.